## Iziqulatho


| Ikota yoku-1 | Iphepha |
| --- | --- |
| 1 Ukutya okunempilo kuyaphilisa | 2 |
| 2 Amanzi asinika ubomi | 4 |
| 3 Silondoloza amanzi | 6 |
| 4 Umoya ococekileyo usinika amandla | 8 |
| 5 Mna nabahlobo | 10 |
| 6 Abantu abasingqongileyo | 12 |
| 7 Makungavuyelelwana | 14 |
| 8 Wonke umntu ubalulekile | 16 |
| 9 Siziva njani | 18 |
| 10 Abantu abakhubazekileyo | 20 |
| 11 Bonke abantwana babalulekile | 22 |
| 12 Iqhawe lam | 24 |
| 13 Ukucoca amanzi | 26 |
| 14 Ubomi obusempilweni | 28 |
| 15 Iimveliso ezibolayo nezingaboliyo | 30 |
| 16 Iintsuku zenkolo nezinye ezibalulekileyo | 32 |

| Ikota yesi-2 | Iphepha |
| --- | --- |
| 17 Amaxesha onyaka | 34 |
| 18 Amaxesha amane onyaka | 36 |
| 19 Amaxesha onyaka | 38 |
| 20 Ukunxibela imozulu | 40 |
| 21 Iziphumo zamaxesha onyaka | 42 |
| 22 Masilime iimbotyi | 44 |
| 23 Izilwanyana zasekhaya | 46 |
| 24 Efama | 48 |
| 25 Izilwanyana zasendle | 50 |
| 26 Zizimela njani izilwanyana | 52 |
| 27 Izilwanyana zasemanzini | 54 |
| 28 Izidalwa zasenzulwini | 55 |
| 29 Ubugcisa bezilwanyana | 56 |
| 30 Izilwanyana ezihamba namakhaya azo | 58 |
| 31 Izilwanyana ezizakhelayo izindlu | 60 |
| 32 Isichazi-magama sam | 62 |














UNksk. Angie Motshekga, uMphathiswa weMfundo esisiSeko



UMnu. Enver Surty, uSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko

*Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.*

*Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.*

*Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.*

*Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.*

*Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.*


Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa



© Department of Basic Education



Tenth edition 2020

ISBN 978-1-4315-0254-7



**This book may not be sold.**

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

1

# Ukutya okunempilo kuyaphilisa

Masifunde

Imizimba yethu idinga ukutya okunempilo ukuze sikhule. Kufuneka sitye ukutya okuvela kwiqela ngalinye lokutya yonke imihla. Kufuneka sitye ukutya okunempilo ukuze sibe namandla awoneleyo okwenza yonke into esifuna ukuyenza. Ukuba asinakutya ukutya okunempilo, singagula.

## Amaqela amahlanu okutya




**Abanye abantu batya imifuno kuphela. Loo nto ithetha ukuba abayityi kwaphela inyama. Batya ukutya okuvela kumaqela ama-4 okutya.**



Umhla: ..............................

# Amanzi asinika ubomi

## Masithethe

Kutheni sifuna amanzi nje? Abantu, izityalo nezilwanyana badinga amanzi ukuze bahlale bephila. Amanzi athwala ukutya esikutyayo akuse kwiindawo ezahlukeneyo zomzimba. Akwanceda imizimba yethu ekususeni ukungcola.




## Masenze

Sisebenzisa amanzi yonke imihla emakhayeni ethu. Chazela umhlobo wakho ngazo zonke izinto esiwasebenzisa kuzo amanzi. Zoba ke ngoku imifanekiso emi-4 ubonise indlela esiwasebenzisa ngayo amanzi. Bhala isihloko ngentla komfanekiso ngamnye uchaze ukuba ungantoni na.

Umhla: ..............................





XHO LS Gr2 B1_inside.indd 4 2019/10/20 10:19:56




## Masibhale


Siwafumana phi amanzi? Krwela umgca udibanise igama ngalinye kunye nomfanekiso ochanekileyo.






| |
|---|
| umthombo |
| Iphiko lamanzi |
| umlambo |
| idama |
| iqula |










## Phuma phandle

Phambi kokuba nenze umsebenzi phandle, zoluleni okwekati. Oku kuza kwenza ukuba imizimba yenu ishukume lula. Kufuneka nizolule kwakhona emva komsebenzi ukuze nizipholise nomzimba ukhululeke. Oku kuya kunceda umzimba wakho ungabi nemikhinkqi.



- Tsiba okwesele. Yenza ingxolo yamasele.
- Phoselanani ngebhola okanye ngengxowa yeembotyi niyigange.
- Phosa ibhola phezulu uze uyigange.
- Ngcekelela ingxowa yeembotyi ube nokhuphiswano lokuhamba kunye nomhlobo wakho. Khangela ukuba unokuhamba umgama ongakanani na ingakhange iwe ingxowa yeembotyi..





# Silondoloza amanzi



## Masithethe

Amanzi axabisekile kakhulu, ngoko ke kufuneka singawamoshi. Thetha nabahlobo bakho malunga neendlela ezahlukeneyo esinokuwalondoloza ngayo amanzi.

## Masibhale

Bhala izimvo ezimbini ezingokulondoloza amanzi kwizithuba ezingezantsi.

1. ______________________________

______________________________

2. ______________________________

______________________________

## Masenze

Sebenzisa iikhrayoni ukwenza ipowusta emibalabala emalunga nokulondoloza amanzi. Ipowusta yakho kufuneka ikhuthaze abanye balondoloze amanzi. Xa sowuyigqibile ipowusta yakho yibonise abahlobo bakho.





Umhla: ..............................

XHO LS Gr2 B1_inside.indd 6 2019/10/20 10:20:00

**Phuma phandle**

**Masidlale umdlalo othi "Ngubani ixesha, Mnu Ngcuka?"**



Omnye wenu makabe yingcuka. Tshintshisanani nibuzane, "Ngubani ixesha, Mnu Ngcuka?" Ngalo lonke ixesha ubuza, ingcuka mayithi ixesha . . .

Kodwa ukuba ingcuka ithi "Iixesha lesidlo sasemini" iza kukuleqa. Kuza kufuneka ubaleke ingakubambi.



Thatha ke ngoku uhulahuphu uzokudlala ngaye. Tshintshiselana nomhlobo wakho nihambe ninqumle kuye ngeenyawo nangezandla. Wumiseni ze nithubeleze kuye. Tshintshiselanani ngokwenza oku.

Landelani imiyalelo katitshala ukuze nenze oku ngokuphephileyo.



**Okokugqibela, yibani ngamaqela anabantu abane. Kufuneka nenze nokuba ngowuphi na umxhentso waseMzantsi Afrika eniza kuwubonisa eklasini.**

Utitshala:

Sayina:

Umhla:



XHO LS Gr2 B1_inside.indd 7 2019/10/20 10:20:02

# Umoya ococekileyo usinika amandla

## Masifunde

Umoya esiwuphefumlayo une-oksijini. Le oksijini inceda imizimba yethu ekusebenziseni ukutya esikutyayo. Loo nto yenza sifumane amandla ukuze siphile. Xa siphefumla umoya ongcolileyo, imizimba yethu ayisebenzi kakuhle.

## Masibhale

Hlala nomhlobo wakho. Sebenzani kunye nizalise ezi zikhewu zingezantsi:

Ndifuna umoya ococekileyo kuba ______________________

Xa umoya umdaka ______________________

Umoya uyangcola ______________________

Izinto esinokuzenza ukuze sigcine umoya ucocekile:

1. ______________________

2. ______________________





Umhla: ..............................

XHO LS Gr2 B1_inside.indd 8 2019/10/20 10:20:06

## Masifunde



Abantu bayalifuna ilanga ukuze bonwabe kwaye babesempilweni. Ilanga linceda imizimba yethu yenze uVithamin D. Le vithamin siyifuna kuba yenza amathambo ethu omelele. Ilanga elishushu kakhulu alilunganga. Singatsha kakubi xa sihleli kulo. Kufuneka uthambise isikhuseli langa okanye uthwale umnqwazi welanga ukuze ukhusele isikhumba sakho elangeni.

## Masibhale

Vala izikhewu ezingezantsi:

Ndingakhuseleka elangeni ukuba:

1. ______________________________


2. ______________________________

3. ______________________________

## Masicule

Cula le ngoma uze uqhwabe ngokwesingqisho

**Langandini elishushu**
**Ukukukhanya kwam wena**
**Ukukhanya okungacimiyo**
**Ungunozala wovuyo**
**Isibane sesibhakabhaka**
**Xa ukhoyo siyadlala**
**Sihleke sonwabe**
**Hlala usenjenjalo**
**Sikhanyiso sifudumezi sonwabiso.**



Kufuneka uthambise isikhuseli langa okanye uthwale umnqwazi welanga ukuze ukhusele isikhumba sakho elangeni.





Utitshala:

Sayina:

Umhla:

# 5 Mna nabahlobo

Ikota yoku-1 – Iveki yesi-3 – Iphepha lomsebenzi lesi-

Masithethe

Sonke siyakuthanda ukuba nabahlobo abalungileyo. Wazi njani ukuba umntu ngumhlobo olungileyo?



Masibhale

Kwizikhewu esingezantsi bhala uluhlu lwezinto ezenza umntu abe ngumhlobo olungileyo.

1. ______________________________
2. ______________________________
3. ______________________________
4. ______________________________

Masibhale

Khawucinge ngale mibuzo wandule ukuphendula imibuzo.

| |
|---|
| Bangaphi abahlobo onabo? |
| |
| Ngubani igama lomhlobo wakho osenyongweni? |
| |
| Lixesha elingakanani ningabahlobo? |
| |
| Yintoni eyodwa oyithandayo ngalo mhlobo wakho? |
| |



Umhla: ..............................

XHO LS Gr2 B1_inside.indd 10 2019/10/20 10:20:25

**Masithethe**

Hlala nomhlobo wakho nize nithethe ngezi ngxelo. Faka uphawu (✔) ebhokisini ukuba yinyani kunye no (✘) ukuba asiyonyani.

## Uluhlu lokuqinisekisa ubuhlobo

| | Phawula ✔ okanye ✘ |
|---|---|
| Umhlobo wam uyandikhathalela. | |
| Umhlobo wam uyandinceda. | |
| Siyabelana nomhlobo wam. | |
| Umhlobo wam akalwi nam. | |

**Masenze**

Cinga ngento onokuyenza ukwenza umhlobo wakho azive ebalulekile. Zoba umfanekiso uwufake kwisakhelo. Ukhumbule ukuhombisa isakhelo somfanekiso. Wakugqiba thetha ngemibala epholileyo nefudumeleyo oyisebenzisileyo emfanekisweni wakho.

**Masibhale**

Bhala izivakalisi ezibini ngomfanekiso wakho.

Utitshala:

Sayina:

Umhla:




XHO LS Gr2 B1_inside.indd 11
2019/10/20 10:20:26

# Abantu abasingqongileyo

Masithethe

Jonga emifanekisweni. Cinga ngezinto ezenziwa ngabahlobo abalungileyo, uze uncokole ngazo eqeleni lakho. Cinga ke ngoku ngezinto ezenziwa ngabahlobo abangalunganga. Faka (✔) kumfanekiso ngamnye obonisa ubuhlobo obulungileyo kunye no (✘) kuleyo ibonisa ubuhlobo obungalunganga.






Umhla: ..............................

XHO LS Gr2 B1_inside.indd 12 2019/10/20 10:20:31


**Masifunde**

Funda isivakalisi ngasinye uze ufakele umbala kubuso buka Ewe okanye ubuso buka Hayi ☺ ☹.



| | | |
|---|---|---|
| Ndingumhlobo olungileyo. | | |
| Ndiyabakhathalela abahlobo bam. | | |
| Ndinobubele kubafundi endifunda nabo. | | |
| Abafundi endifunda nabo banobubele kum. | | |
| Ndinembeko ebantwini abandingqongileyo. | | |








**Phuma phandle** Masidlale "Yima esithunzini sam".



Wena nabahlobo bakho zamani ukuma omnye esithunzini somnye. Tshintshisanani nibone ukuba zingaphi izithunzi enizinyathelayo. Ningahlala nishukuma njalo ukuthintela umhlobo wakho angemi esithunzini sakho.







XHO LS Gr2 B1_inside.indd 13
2019/10/20 10:20:35

**Masenze**

Yilani umdlalo-Linganisa nomhlobo wakho nenze umdlalo omalunga nomntwana ovuyelela omnye. Emva koko yitsho ukuba singenza ntoni ukuthintela ukuvuyelelana.



**Phuma phandle** Zilungiseni nibe ngamaqela ezihlanu.



Yenzani umgca niphoselane ibhola. Jongani ukuba leliphi iqela eliphosa ibhola iyokufika ekugqibeleni ngexesha elifutshane. Emva koko zamani ukuphosa ibhola ngeendlela ezahlukileyo:

- Phosela ugxa wakho osemva kwakho ibhola phakathi kwemilenze.
- Phosela ugxa wakho osemva kwakho ibhola phezu kwentloko.
- Phosela ugxa wakho osemva kwakho ibhola ngasekhohlo.
- Phosela ugxa wakho osemva kwakho ibhola ngasekunene.
- Phoselanani ngebhola nize nijonge ukuba niyiganga kangaphi.






XHO LS Gr2 B1_inside.indd 15 2019/10/20 10:20:42

### Masifunde

Yenzani lo msebenzi niliqela. Jonga abanye abantwana eklasini. Funda ingxelo nganye. Ukuba le ngxelo iyinyani faka (✔) kwibhokisi esekunene, ukuba asiyonyani faka (✘).

| | Faka ✔ okanye ✘ |
|---|---|
| Ingaba amakhwenkwe ayafana namantombazana? | |
| Ingaba baneenwele ezinombala ofanayo bonke? | |
| Ingaba banamehlo anombala ofanayo bonke? | |
| Ingaba bonke banezandla ezilinganayo? | |
| Ingaba bonke bade ngokulinganayo? | |

### Masithethe


Uyaqaphela ukuba sonke sahlukile? Uyabona ukuba siyafana sonke? Thethani ngeendlela esifana ngazo.

### Masizobe

Zizobe. Sebenzisa into yokuqaba umlomo ebomvu ukubonisa umnwe wakho owahlukileyo ecaleni kwesakhelo.



Ubusazi na ukuba akukho mntu unomnwe ofana nowakho? Wahlukile kwaye ubalulekile!









XHO LS Gr2 B1_inside.indd 17
2019/10/20 10:20:49

# Siziva njani

**Masithethe** Ncokolani ngendlela eniziva ngayo xa nehlelwa yinto elungileyo. Phindani nincokole ngendlela eniziva ngayo xa nehlelwe yinto embi. Oku sikubiza ngokuba ziimvakalelo. Bhala uchaze ukuba baziva njani.



**Masibhale** Bhala iimpendulo zale mibuzo ingezantsi.


| |
|---|
| Yintoni endonwabisayo? |
| |
| |
| Yintoni endenza lusizi? |
| |
| |
| Yintoni endoyikisayo? |
| |
| |
| Yintoni endivuyisayo? |
| |
| |



## Masenze




Zoba uze ufake imibala kweli khonkco lobuhlobo. Yenza unodoli ngamnye ahluke ukubonakalisa ukuba sonke sahlukile. Wakugqiba ukwenza oku, sika ikhonkco lobuhlobo kwiphepha lemisiko elisembindini wale ncwadi. Yenza unodoli ngamnye ohluke uze ubamise edesikeni yakho ukuze bakukhumbuze ukuba sahlukile.







## Phuma phandle

Yenza umzimba wakho ube mkhulu kangangoko unakho. Zama ke ngoku ukuwenza ube mncinci kangangoko unakho. Khawuzame ukuwenza ube mde kangangoko. Okokugqibela zama ukuwenza ube mfutshane kangangoko.










XHO LS Gr2 B1_inside.indd 19
2019/10/20 10:20:54

# 10 Abantu abakhubazekileyo

**Masithethe** Jonga emifanekisweni.



- Zeziphi iindidi zokukhubazeka ozibonayo?
- Usebenzisa ntoni umntwana ngamnye ukuze azincede?
- Zeziphi iingxaki ocinga ukuba banazo aba bantwana ebomini babo?
- Thetha ngeendlela esinokubanceda ngazo.

**Masibhale** Jonga imifanekiso engezantsi. Gqibezela izivakalisi.


URosemary akakwazi ukuhamba usebenzisa ____________________ ukuze ahamba-hambe.



isitulo samavili



UThabo yimfama kwaye usebenzisa ____________________ ukufumana indlela.



inja ekhokelayo

into encedisa ukuva





UPeter sisithulu. Usebenzisa

_______________________ ukuze eve.

ukuthetha ngezandla




UJabu akakwazi ukuthetha.

Usebenzisa _______________________

ukuze anxibelelane.



iintonga



UNomsa usebenzisa

_______________________ ukumncedisa


ukuba ahambe.



Masenze

Yenza ivazi okanye ikomityi ngodongwe okanye ngentlama yokudlala .








XHO LS Gr2 B1_inside.indd 21 2019/10/20 10:21:17

# Bonke abantwana babalulekile

**Masithethe** Bohluke njani aba bantwana kuwe? Bafana njani.



**Masifunde** Abantu kwihlabathi liphela babhiyozela iiholide ezibalulekileyo.



Sonke siyakuthanda ukudlala nokucula.
Sonke kufuneka sitye.
Sonke kufuneka sifundile.
Sonke siya kwagqirha xa sigula.
Sonke kufuneka sicoceke.
Akunyanzelekanga ukuba sifune umsebenzi.
Sonke singabantwana.




Umhla: ..............................

XHO LS Gr2 B1_inside.indd 22 2019/10/20 10:21:21



**Masibhale** Buza abahlobo abathathu le mibuzo. Bhala iimpendulo kwizikhewu ezingezantsi.

| | | | |
|---|---|---|---|
| Bhala igama lomhlobo wakho. | | | |
| Yeyiphi inkolo yakho? | | | |
| Yeyiphi imibhiyozo ebalulekileyo eniba nayo? | | | |
| Nitya ntoni? | | | |
| Zeziphi iimpahla ezizodwa othanda ukuzinxiba? | | | |
| Nibhiyoza kunye nabani? | | | |






**Masenze**

Jonga umfanekiso. Yimephu yehlabathi. Ungaqaphela ukuba ilizwe lethu linomhlaba nolwandle. Faka umbala obhulowu elwandle. Umhlaba wufake umbala omdaka. Zoba iintlanzi ezimbalwa elwandle.














XHO LS Gr2 B1_inside.indd 23 2019/10/20 10:21:27

# Iqhawe lam

**Masithethe**

**Ncokolani malunga nokuba ingaba bakhona na abantwana abakhubazekileyo esikolweni senu.**

Singenza ntoni isikolo ukubanceda ngeli xesha besesikolweni?

Bangakwazi na abantu abakhubazekileyo ukuba ziintshatsheli?

**Masifunde**



Amanye amaqhawe akhubazekile. Angabantu esifunda kubo nesifuna ukubalandela.

EMzantsi Afrika kukho iintshatsheli ezininzi kwezemidlalo ezikhubazekileyo.

Bakhona abantu abakhubazekileyo obaziyo abaziintshatsheli kwezemidlalo?

UNatalie du Toit waphulukana nomzantsi womlenze wakhe wasekhohlo kwingozi yesithuthuthu. Uhamba ngomlenze ofakelweyo kodwa usebenzisa umlenze omnye xa equbha.



**Masithethe**

**Ncokolani ngabantu abakhubazekileyo abenza izinto ezintle. Cinga:**

- Ngabantu abaziimfama abadlala izikhalisi zomculo. Ukhona umntu omaziyo?
- Ngabantu abazizithulu ababhala iingoma. Ikhona imizekelo oyaziyo?



**Masibhale** Kwizikhewu ezingezantsi, nika iinkcukacha ngeqhawe lakho olithandayo.

# Iqhawe lam ngu:

___________________________

| Zoba umfanekiso womntu oliqhawe lakho. Bhala amagama ecaleni komfanekiso wakho achaza ncakasana iqhawe lakho. Umzekelo: unobubele, uluncedo, ukhaliphile, unothando. |
|---|
| |

| Ungaliqhawe njani? Xoxa nomhlobo wakho nabelane ngezimvo. Bhala ke ngoku ibali apho ubeliqhawe khona. Gqibezela: |
|---|
| Ngenye imini |
| |
| Ndagqiba kwelokuba ndi |
| |
| Nda |
| |
| Ndaba liqhawe ngolo hlobo. |

Utitshala:
Sayina:
Umhla:



XHO LS Gr2 B1_inside.indd 25 2019/10/20 10:21:37

# Ukucoca amanzi

**Masifunde** Jonga iglasi yamanzi.



Ikhona into oyibonayo kuyo? Hayi, ayikho. Ubusazi ukuba maxa wambi kukho iintsholongwane emanzini?
Ezi ntsholongwane zincinci kangangokuba azibonakali ngeliso lenyama. Ukuba akunakuqala ngokuzisusa phambi kokuba usele, ungagula kakhulu. Kufuneka siqinisekise ngalo lonke ixesha ukuba amanzi esiwaselayo acocekile.

**Masithethe** Ncokola malunga nokuba kungenzeka ntoni xa sinokusela amanzi amdaka. Jonga ke ngoku imifanekiso engasezantsi. Ncokola nomhlobo wakho ngeendlela ezahlukeneyo esinokucoca ngazo amanzi.



Galela iipilisi zeklorini emanzini.



Bilisa amanzi kangangemizuzu emi-5.



Galela iikhemikhali.



Hluza amanzi.



Umhla: ..............................

XHO LS Gr2 B1_inside.indd 26 2019/10/20 10:21:47

**Masithethe**

Ngawaphi amanzi ocinga ukuba kukhuselekile ukuwasela? Faka umbala ozuba kwichaphaza lamanzi ukuba ucinga ukuba kukhuselekile ukuwasela.

| | |
|---|---|
| Amanzi omlambo | Amanzi atsalwa phantsi komhlaba |
| Amanzi asetephini | Amanzi athengiweyo asebhotileni |
| Amanzi olwandle | Amanzi abilisiweyo aseketileni |

**Masenze**

Sebenzani ngokwamaqela nenze isihluzo sokucoca amanzi. Mamelani ngononophelo xa utitshala wenu echaza into ekufuneka niyenze.



## Niza kufuna oku kulandelayo:

Ibhotile yeplasitiki
Isanti
Uhlalutye
Isikere
Uboya
Iglasi




**Masibhale**


Nombola amanyathelo okuhluza amanzi ngokulandelelana kwawo.

| | |
|---|---|
| | Galela isanti phezu koboya. |
| | Jika ibhotile ijonge ezantsi. |
| | Galela uhlalutye. |
| | Sika ngononophelo umzantsi webhotile yeplasitiki. |
| | Galela amanzi anodaka. |
| | Faka amatye amancinci okanye igrabile ebhotileni. |





# Ubomi obusempilweni



Masifunde

Funda ngale mikhwa ilungileyo nengalunganga. Ukuba ucinga ukuba ngumkhwa olungileyo faka (✔), ukuba ucinga ukuba ngumkhwa ongalunganga faka (✘).

| Imikhwa<br>Utitshala uncedisa umfundi ukuba afunde. | Ilungile<br>✔ | Ayilunganga<br>✘ |
|---|---|---|
| Nditya ukutya okunempilo. | | |
| Ndilahla inkunkuma ngefesitile yemoto okanye yetekisi. | | |
| Ndizihlamba rhoqo iinwele zam. | | |
| Nditya iilekese ezininzi. | | |
| Ndizigcina zicocekile iinzipho neendlebe zam. | | |
| Ndixukuxa kanye ngenyanga. | | |
| Ndichola inkunkuma ndiyilahle emgqomeni wayo. | | |
| Ndihlamba izandla emva kokuya kwindlu yangasese. | | |
| Xa ndikhohlela okanye ndithimla, ndibeka isandla emlonyeni. | | |
| Ndenza imithambo rhoqo. | | |
| Ndihlamba izandla phambi kokutya. | | |
| Ndilala ndibukele iTV iiyure ngeeyure. | | |
| Ndihlala nabantu abadala abatshayayo. | | |




Umhla: ..............................

XHO LS Gr2 B1_inside.indd 28 2019/10/20 10:22:03


## Masenze

Yenza ipowusta engomkhwa olungileyo okanye ongalunganga.




## Masibhale

Vavanya ipowusta yakho. Funda ingxelo nganye uze ufakele ubuswana obuncumileyo ukuba ingxelo yinyani kunye nobuswana obulusizi xa ingeyonyani.




| | Ewe | Hayi |
|---|---|---|
| Ipowusta yam inemibala kwaye icocekile. | | |
| Bendikonwabele ukwenza ipowusta yam. | | |
| Bekunzima ukwenza ipowusta yam. | | |

## Phuma phandle



- Ungatsibela kude kangakanani? Sebenzisa izijungqe zentambo ezithathu.Tsiba ngaphaya kwazo. Mana uzibhekelisela phaya esinye kwesinye ukuze ubone ukuba ungatsibela kude kangakanani na.
- Cela abahlobo bakho ababini babethe ugqaphu ukuze wena utsibe.
- Tshintshiselanani ngokutsiba.






XHO LS Gr2 B1_inside.indd 29
2019/10/20 10:22:05

# Iimveliso ezibolayo nezingaboliyo



**Masithethe**

Thetha ngokutya ekufuneka kugcinwe kubanda ukuthintela ukuba kubole. Yenza isigqibo sokuba kokuphi ukutya okungafuni kugcinwa kubanda, kodwa kusenokugcinwa ekhabhathini. Sika imifanekiso kwiphepha lemisiko uze uyincamathelise efrijini okanye ekhabhathini.



Umhla: ..............................



XHO LS Gr2 B1_inside.indd 30 2019/10/20 10:22:12

# Iintsuku zenkolo nezinye ezibalulekileyo

Masifunde

Abantu kwihlabathi liphela babhiyozela iiholide ezibalulekileyo. Zeziphi iiholide oza kuzibhiyozela?

Ngexesha leKrisimesi sinikezela ngezipho. Sinika abahlobo bethu neentsapho zethu izipho. Sinomthi weKrisimesi ekhaya. Izipho sizibeka phantsi komthi. Siyawuhombisa sibeke inkwenkwezi phezulu.
Sitya ukutya okuninzi okumnandi ngexesha leKrisimesi.





Ingathi ayisafiki iDiwali.
Ngeli xesha sifumama iilekese nezipho ezininzi.
Ezi zimuncumuncu sizipakisha ezibhokisini ze siphe abantu abasindwendwelayo.
Sikhanyisa izibane ezincinci ze sizibeke zijikeleze indlu.
Sihombisa indlu ze sidlale ngeekhrikethi.



Umhla: ..............................

XHO LS Gr2 B1_inside.indd 32 2019/10/20 10:22:29




Ingathi ayisafiki iHanukkah. Siza kuba nokutya okuninzi okumnandi. Sithanda ukutya iikeyiki eziluhlobo olusicaba kunye namafetshu anesiraphu. Siyakuthanda nokufumana izipho. Abazala bethu bayasindwendwela. Sonke siyancedisa ekwenzeni ukutya ze sikhanyise amakhandlela ekhaya.

Kungekudala iza kuba yiEyidi. Ndiyathemba siza kufumana izipho. Nathi siza kubapha izipho abahlobo bethu. Siza kutya iilekese neekeyiki ezininzi. Xa iyiEyidi sibona ngemilo yenyanga. Iba ngosuku olwahlukileyo ngonyaka ngamnye.



**Masicule**

Cula ingoma oyaziyo nokuba yeyoluphina usuku kwezi ntsuku zibalulekileyo.







XHO LS Gr2 B1_inside.indd 33 2019/10/20 10:22:42

# Amaxesha onyaka

Masithethe

Jonga imifanekiso yamaxesha onyaka omane. Xelela umhlobo wakho ukuba ubona ntoni kumfanekiso ngamnye. Xela ukuba ohluke njani la maxesha mane.




Leliphi ixesha lonyaka olithanda kakhulu? ______________________________

______________________________________________

Kutheni ulithanda nje eli xesha? ______________________________

______________________________________________

Usuku lwakho lokuzalwa lungeliphi ixesha lonyaka? ____________________

______________________________________________



Umhla: ..............................

XHO LS Gr2 B1_inside.indd 34 2019/10/20 10:22:45

Masicule



## Molo Mnumzana Langa!
## Usuku lwakho luqalile.
## Kumnandi ukubona ubuso
## bakho obukhanyayo.
## Molo Mnumzana Langa.



**Imvula, imvula**
**Chapha chapha chapha**
**imanz' ilokhwe yam**
**Chapha chapha chapha**
**imanz' ilokhwe yam**
**Gqum gqum kuyaduduma**
**Gqum gqum kuyaduduma.**



Utitshala:
Sayina:
Umhla:



XHO LS Gr2 B1_inside.indd 35 2019/10/20 10:22:48

# 18 Amaxesha amane onyaka

Masenze

Sika imifanekiso yamaxesha onyaka kwiphepha lemisiko elingasemva encwadini. Ncamathelisa umfanekiso ngamnye ecaleni kwegama lexesha elichanekileyo lonyaka.



**ubusika**

EyeSilimela

EyeKhala

EyeThupha

**intwasahlobo**

EyoMsintsi

EyeDwarha

EyeNkanga




Umhla: ............................



XHO LS Gr2 B1_inside.indd 36 2019/10/20 10:22:50

# Amaxesha onyaka

Masifunde



## Ihlobo

Kukho ilanga kwaye kufudumele.

Iimini zinde kwaye ubusuku bufutshane.


Singahlala sipholile ngokuthi siqubhe okanye sihlale emthunzini.

## Ukwindla

Kuyaphola.

Amagqabi aqalisa ukuba tyheli kwaye ayawa emithini.

Iintaka zibhabhela kwiindawo ezifudumeleyo.





## Ubusika

Kuyabanda.

Kwezinye iindawo kukho ikhephu okanye iqabaka.

Iimini zimfutshane kwaye ubusuku bude.

Ezinye izilwanyana ziyalala ebusika (ziyafukama).

## Intwasahlobo

Kufudumele.

Izityalo ziyaqalisa ukukhula kwaye nemithi iphuma iintyatyambo.

Iintaka ziqalisa ukwakha iindlwane nokubeka amaqanda.



Umhla: ..............................




XHO LS Gr2 B1_inside.indd 38 2019/10/20 10:22:54

**Masithethe**

Iindidi zokutya ezahlukileyo zilinywa ngamaxesha ahlukileyo onyaka. Jonga oku kutya sikufumana ehlotyeni nasebusika. Xelela umhlobo wakho ukuba uthanda ukutya ntoni xa kushushu naxa kubanda.







XHO LS Gr2 B1_inside.indd 39
2019/10/20 10:22:56

20

# Ukunxibela imozulu

**Masizobe**

Zoba inkwenkwe nentombazana. Inkwenkwe mayinxibe iimpahla zasebusika ezifudumeleyo ze intombazana inxibe iimpahla zasehlotyeni ezipholileyo.



| | |
|---|---|
| | |
| Inkwenkwe | Intombazana |

**Phuma phandle**




- Beka iihulahuphu emhlabeni phantsi okanye yenza izangqa esantini.
- Xa utitshala wakho esithi tsiba, tsibela esangqeni ngeenyawo zakho zombini.
- Xa utitshala wakho esithi tsiba, tsibela ngaphandle kwesangqa ngonyawo olunye.
- Dlala unochelesi.
- Sebenzisa itshokhwe ukubhala izangqa kunye nezikwere phantsi.




Xelela umhlobo wakho ngeendidi zeempahla esizinxibayo ngexesha ngalinye lonyaka. Zeziphi iimpahla othanda ukuzinxiba?

Krwela umgca usuke kwinkcazelo yeempahla esizinxibayo ngexesha elithile lonyaka ungqamanise nomfanekiso ochanekileyo.




## Ukunxibela ixesha lonyaka

Ukuba kukho ilanga kufuneka sinxibe iminqwazi ukuze sizikhusele elangeni.

Xa kushushu kufuneka sinxibe iimpahla ezipholileyo.

Ukuba kuyabanda phandle kufuneka sinxibe iimpahla ezifudumeleyo zewulu.

Xa isina imvula kufuneka sibe needyasi zemvula kunye neambrela.











# Iziphumo zamaxesha onyaka

Masifunde



## Intwasahlobo

Entwasahlobo imithi iqalisa ukuvelisa amagqabi.

Sibona iintaka ezininzi neenyosi neentyatyambo kunye namagqabi amatsha.

Iintaka zakha iindlwane ze zibeke amaqanda.

Amafama acheba iigusha.

## Ihlobo

Ehlotyeni amafama avuna iziqhamo. Amathole ayadloba.

Kwiindawo ezininzi imvula ina ngamandla kwaye kukho iindudumo nemibane.

Ingca, amatyholo kunye neentyatyambo zikhula zibe fukufuku kakhulu, kwaye imithi iba mide.





Umhla: .............................

XHO LS Gr2 B1_inside.indd 42 2019/10/20 10:23:02




## Ukwindla

Ezinye izilwanyana zigcina ukutya kwazo zilungiselela ukulala ebusika.

Amagqabi emithi aqalisa ukuba tyheli, abe nebala elimdaka, abe bomvu naorenji.


Ingca iqalisa ukutshaza ibe nebala elimdaka.



## Ubusika

Ezinye izilwanyana zilala ubusika bonke. Sithi ziyafukama. Zizigcina zifudumele kuba izikhumba zazo ziyatyeba.





### Masibhale

Zenza ntoni ezinye izilwanyana ebusika? ____________________

____________________

Zizikhusela njani engqeleni ezinye izilwanyana? ____________________

____________________

Zibuyela nini iintaka kumazwe afudumeleyo kwaye ziqalisa nini ukwakha izindlu zazo? ____________________






XHO LS Gr2 B1_inside.indd 43 2019/10/20 10:23:04

# Masilime iimbotyi



Masenze



## Kufuneka oku

- Iimbotyi ezi-5
- Uboya
- Isosara
- Amanzi



## Kufuneka wenze ntoni?

Songela imbotyi ngoboya ze uyibeke esosareni.

Yigcine imanzi. Beka isosara efesitileni enelanga.

Yijonge imbotyi iiveki ezimbini. Qaphela indlela ekhula ngayo.

Jonga umfanekiso wesi sityalo sembotyi.
Xa isityalo sakho sikhangeleka ngolu hlobo bhala umhla.

| | | | |
|---|---|---|---|
| ____________ Umhla | ____________ Umhla | ____________ Umhla | ____________ Umhla |
|  |  |  |  |

Umhla: ..............................



XHO LS Gr2 B1_inside.indd 44 2019/10/20 10:23:10

Masenze

Yenza umdlalo omalunga nesilwanyana.
Ungabonisa ibhere okanye unomatse eqokelela ukutya ukuze akugcinele ixesha lasebusika.




Phuma phandle



Rhubuluza emhlabeni uxele inyoka ikhangela indawo elungele ukuba ilale kuyo.



Bhabha uxele inkonjane isiya kwiindawo ezifudumeleyo.






XHO LS Gr2 B1_inside.indd 45 2019/10/20 10:23:14

# 23 Izilwanyana zasekhaya

Masiththethe

Jonga umfanekiso uze uthethe ngezilwanyana zasekhaya ozibonayo. Sesiphi esona silwanyana usithandayo? Sifumana ntoni kwisilwanyana ngasinye kwezi?



Umhla: ............................




XHO LS Gr2 B1_inside.indd 46 2019/10/20 10:23:17


**Masibhale** Bhala impendulo echanekileyo kwezi theyibhile. Sikwenzele eyokuqala.



| | |
|---|---|
| Inkunzi | Inkunzi yegusha |
| Imazi | Imazi yegusha |
| Ithole | Itakane |
| Ingxolo | mhe-e-e |
| Ishedi/indlu | Ubuhlanti |




| | |
|---|---|
| Inkunzi | |
| Imazi | |
| Ithole | |
| Ingxolo | |
| Ishedi/indlu | |



| | |
|---|---|
| Inkunzi | |
| Imazi | |
| Ithole | |
| Ingxolo | |
| Ishedi/indlu | |



| | |
|---|---|
| Inkunzi | |
| Imazi | |
| Ithole | |
| Ingxolo | |
| Ishedi/indlu | |






XHO LS Gr2 B1_inside.indd 47 2019/10/20 10:23:22

# Efama

Masicule



Iphi n'inja yam encinane?

Iphi n'inja yam iphi?

Endleb'emfutshane nomsila omde


Iphi n'inja yam iphi?





Umhla: ..............................

**Masicule** Qhubeka nokucula le ngoma. Endaweni yenja cula ngezi zilwanyana.



Iphi n'igush' am encinane.


Iphi n' ihagu yam encinane.

Iphi n' inkom' am encinane.

## Phuma phandle



- Hamba phezu komqadi ungawi.
- Phosa ibhola emoyeni uyigange ungakhange uwe.
- Qabadula okwehashe.
- Hamba okwedada.
- Hamba okwerobhothi.








XHO LS Gr2 B1_inside.indd 49 2019/10/20 10:23:32

# Izilwanyana zasendle

Masifunde



Iingonyama zezosapho lweekati. Ingonyama ibonwa njengekumkani yezilwanyana. Ziyazingela ze zibulale izilwanyana ezifana neenyamakazi namaqwarha. Ziimazi ezizingela kakhulu. Zizingela ebusuku kwaye ziba ngamaqela. Iingonyama zithanda ukuhlala emathafeni anengca avulekileyo. Iingonyama zigquma kakhulu.



Iindlovu zezona zilwanyana zanyisayo zikhulu kakhulu. Zisengozini yonke imihla kuba abazingeli abangenamvume bayazizingela befuna amabamba azo. Iindlovu zisebenzisa imiboko yazo ukufaka iingcambu, iziqhamo kunye namanzi emilonyeni. Zitya ukutya okungama-200 kg ngosuku ze zisele iilitha ezili-190 zamanzi.

Umhla: ............................




XHO LS Gr2 B1_inside.indd 50 2019/10/20 10:23:37



Kukho iindidi ezimbini zemikhombe (zibizwa ngokuba ziirayino) – imikhombe emnyama nemhlophe. Imikhombe ayiboni kakuhle kodwa ineempumlo ezibukhali kakhulu. Mikhulu kakhulu kwaye inganobunzima obungama 2 500 kg. Nayo izingelwa kakhulu ngabazingeli abasemthethweni nabangekho mthethweni abafuna iimpondo zayo. Kufuneka siyikhusele imikhombe kubazingeli abayibulalela iimpondo zayo.




Ihlosi elipheleleyo lingakhula de libe nobude obungange-2 m. Isikhumba salo sinombala omdaka okhanyayo namabala amnyama azizangqa. Ihlosi liyakwazi ukukhwela emthini kwaye alinangxaki nakuzingela emthini.





Iinyathi zihlala ziyimihlambi. Xa kukho ingozi, iimazi namathole ziyaqokelelana zibe sembindini womhlambi ze zingqongwe ziinkunzi zizikhusele.
Ezinye iinyathi zikhula zibe nomphakamo ongange-1,7 m.






XHO LS Gr2 B1_inside.indd 51 2019/10/20 10:23:41

# Zizimela njani izilwanyana

Masifunde

Imigca yamaqwarha yenza kube nzima kakhulu ukulibona etyholweni iqwarha.

Ezinye izilwanyana zizikhusela ngokutshintsha indlela ezikhangeleka ngayo zifane nendawo ezikuyo.

Ulovane luyakwazi ukutshintsha umbala walo lufane nomthi eluwunyukayo.

Izikhumba okanye iintsiba zezinye izilwanyana zenziwa ngendlela apha eyenza ukuba kube nzima ukuzibona.

Le nto siyibiza ngokuba kukujika imbonakalo.

Khawucinge ngezinye izilwanyana ezijika imbonakalo.

Phuma phandle

Utitshala wakho uza kukubonisa indlela yokudlala izitulo zomculo.


Umhla: ..............................




XHO LS Gr2 B1_inside.indd 52 2019/10/20 10:23:57

# Izidalwa zasenzulwini

Masithethe Jonga zonke izilwanyana ezahlukileyo ezihlala emanzini amtyuba.



Kukho nezilwanyana ezincinane ezihlala kumadama amatye emanzini anganzulwanga.





Utitshala:
Sayina:
Umhla:

# Ubugcisa bezilwanyana

**Masithethe** Thetha ngazo zonke izilwanyana zaselwandle ezikule mifanekiso ikwiphepha 55.



- Zeziphi kwezi zilwanyana zaselwandle ezityiwa ngabantu?
- Zeziphi izilwanyana zaselwandle ezinobungozi?
- Umzimba wentlanzi ugqunywe yintoni kwaye ukhuselwa yintoni?
- Ucinga ukuba kuya kwenzeka ntoni ukuba ulwandle lunokungcoliswa yinkunkuma okanye izinto ezinetyhefu?
- Zeziphi iindlela ezahlukeneyo olunokungcoliseka ngazo ulwandle?


**Masibhale** Bhala amagama ezilwanyana ozikhumbulayo ezihlala emlanjeni, emadameni okanye elwandle kwezi kholamu zintathu zetheyibhile.

| Umlambo | Ulwandle | Idama |
|---|---|---|
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |
| | | |

Umhla: ..............................





XHO LS Gr2 B1_inside.indd 56 2019/10/20 10:24:09



**Masenze** Zenzele eyakho itanki yeentlanzi.

- Peyinta umphakathi webhokisi yesihlangu ube zuba uze uyilalise ngecala.
- Sika intlanzi engasemva encwadini.
- Bophelela intlanzi phezulu ebhokisini ngeteyiphu yokuncamathelisa nangomtya.





**Phuma phandle**


- Bhabha okwentaka ngesantya esikhawulezayo nesicothayo.
- Bhadaza okonombombiya.
- Bhabha okwenyosi.
- Hamba oku kukanonkala.
- Dada okwentlanzi.
- Tsiba okwesele.
- Dlala umdlalo wengcuka othi "Bantwana bam ..."
- Dlala impuku nekati.




















XHO LS Gr2 B1_inside.indd 57 2019/10/20 10:24:17

# Izilwanyana ezihamba namakhaya azo

Masifunde




## Ufudo

Ufudo sisirhubuluzi esinemilenze emine enamaxolo kunye nentamo nentloko ezishwabeneyo. Luhamba ngokucotha luneqokobhe lalo emqolo.

### Zihlala phi ezi zilwanyana?


Ufudo lolwandle


Ufudo lwamanzi


Ufudo

Masibhale

**Phendula le mibuzo imalunga nofudo oluhlala emhlabeni.**

Ingaba iqokobhe lofudo lilukhuni okanye lithambile? ____________________

______________________________________________

Eli qokobhe lilukhusela entweni ufudo? ____________________

______________________________________________

Lwenza ntoni ufudo xa lusoyika? ____________________

Lutya ntoni ufudo? ____________________


Umhla: ..............................



XHO LS Gr2 B1_inside.indd 58 2019/10/20 10:24:21

# Inkumba

Jonga iqokobhe lenkumba.





Ihamba njani inkumba? ______________________________

Wakhe walifumana iqokobhe lenkumba elingenanto? Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kwinkumba leyo? ______________________________


Unjani umbala wamaqokobhe eenkumba? ______________________________


Ucinga ukuba kutheni iinkumba zinamaqokobhe nje? ______________________________



**Masibhale**

Ucinga ukuba ndihlala phi? Ecaleni komfanekiso wam, bhala ukuba ndingalakha phi na ikhaya lam; emthini, emhlabeni okanye emanzini.









XHO LS Gr2 B1_inside.indd 59 2019/10/20 10:24:27

# Izilwanyana ezizakhelayo izindlu

**Masenze** Dibanisa imifanekiso yezilwanyana kunye nemifanekiso yamakhaya azo.





**Masifunde**

## Iinyosi



Iinyosi zihlala ezindlwini zazo.

Zakha izindlu zazo ngamakhaphela.


Zigcina ukutya kwazo ezindlwini zazo.

Umhla: ..............................



XHO LS Gr2 B1_inside.indd 60 2019/10/20 10:24:36

# Iimbovane



Iimbovane zizakhela iindidi ezahlukeneyo zezindlu kwindawo yazo. Imbovane encinci iyakwazi ukuthwala into enobunzima obuphindaphindwe kane kunobunzima bayo. Iimbovane ziyanxibelelana. Ziyalumkisana ukuba kukho ingozi, kwaye ziyaxelelana ukuba kufumaneka phi na ukutya.

**Masibhale**

Ucinga ukuba kutheni iimbovane zizakhela izindlu nje?

______________________________

Ngubani olutshaba lweembovane? ______________

______________________________

Zisebenzisa ntoni iimbovane ukwakha izindlu zazo? ______________

______________________________

**Masifunde**

# Iintaka



Iintaka zakha iindlwane njengeendawo zokuhlala kunye nendawo yokuzalela amaqanda azo. Ubukhulu bendlwane buxhomekeka kubukhulu bentaka leyo. Zizakha ngantoni iintaka iindlwane zazo?

______________________________

Sesiphi isilwanyana esilutshaba lwentaka?

______________________________

Utitshala:

Sayina:

Umhla:



XHO LS Gr2 B1_inside.indd 61 2019/10/20 10:24:37

